Isalathiso: 20200225/4950
Inombolo yefayili: 4/5/1/1
Imibuzo: DR Harrison

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0006/2020

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zawo onke amacandelwana namacandelo nakubasebenzi becandelo lezemali

Isihloko: **Ukuqaliswa kwe-*Provincial Treasury System Circular No.* 2 ka-2020 – Imimiselo yokulawula ukusetyenziswa kwe-*sundry payment method* kwi-*Basic Accounting System***

1. **Injongo**

Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa zonke ii-*Basic Accounting System (BAS) pay points*, abasebenzisi ii-*BAS users*, abaphathi abajongene nestokhwe nee-*budget holders* ngokuqaliswa kwe-*System Circular No*. 2 ka-2020, yomhla we-05 Agasti 2020 (eqhotyoshelweyo), nokusiwa (*migration)* kwee-*BAS users* kwi-*Logistical Information System (LOGIS)*.

2. **Inkqubo-sikhokelo yemithetho esebenzayo**

Ngokwamacandelwana 38(1)(*a*)(*i*) no-38(1)(*b*) oMthetho we-*Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)*, njengoko ufakelwe izilungiso, igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali *(accounting officer)* leSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) maliqinisekise ukuba iSebe i-*WCED* ligcina iisistim ezisebenza ngobuchule nangempumelelo nezisekuhleni zezemali nolawulo lweelahleko nolawulo lwangaphakathi, yaye linoxanduva lokusetyenziswa kwezibonelelo zeSebe iWCED ngobubuchule nangempumelelo nasekuhleni nengendlela eyonga iindleko.

3. **Ukuqaliswa ngezigaba kwenkqubo**

Ukuthobela imigaqo ye-*System Circular No*. 2 ka-2020, makulandelwele le nkqubo ilandelayo :

3.1 Bonke abasebenzisi abazii-*BAS users* mabazityumbe ngokwabo ukwenzela uqeqesho lwe-*LOGIS* yaye mabangenise amagama abo ku-Cornette Grundling (ngokuthumela i-imeyili kulo:Cornette.Grundling@westerncape.gov.za okanye ngokufonela kule nombolo: 021 483 5688) ungadlulanga owe-15 Disemba 2020.

3.2 ICandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali (*Financial Accounting (DFA)*) liya kuqhagamshelana nepeyipoyinti nganye nomphathi ojongene nestokhwe *(responsibility manager*) ukulungiselela ukusiwa *(migration*) kwee-*BAS payments* kwi-*LOGIS* ungadlulanga owe-31 Matshi 2021.

3.3 ICandelo le-*DFA*, ngokuthethana noNondyebo wePhondo, liya kunceda kulawulo lotshintsho ngolu hlobo lulandelayo:

a) Ngokumalunga nokusetyenziswa kwe-*LOGIS*.

b) Kuya kubonelelwa ngoqeqesho lo gama abasebenzi besemsebenzini yaye kujongwane nemibuzo *(queries*) emalunga noku kulandelayo:

i) Inkqubo i-*Order generation process*

ii) Inkqubo i-*Authorisation process*

iii) Inkqubo i-*Supporting document process.*

3.4 Bonke abathengisi mababhalise kwi-*Central Supplier Database* nakwi-*Western Cape Supplier Evidence Bank*. Zonke ii-*entities* ziya kuyekiswa ukusebenza (*deactivated*) yaye zikhutshwe kwi-*BAS* ngokwezigaba ngezigaba.

4. Le ngcaciso imfutshane isebenza kwii-*budget holders*, kubaphathi beprojekthi kwii-*BAS* nee-*BASIS users*, kwii-*Supply Chain Champions* nakumagosa achaphazelekayo kwinkqubo yokwenziwa kweentlawulo.

5. Zonke iimpahla neenkonzo ezithengiweyo mazenziwe kwi-*LOGIS*.

6. Naziphi na izenzo zokunxaxha kule nkqubo mazingeniswe kwiCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali yaye kuya kujongwana nazo ngokomhlathi 4.1.5 we-*System Circular No*. 2 ka-2020.

7. Iyathakazelelwa intsebenziswano yenu ekuthotyelweni kwezi mfuno zimiselweyo zale ngcaciso imfutshane.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2020-12-09